Soek jy 'n fantastiese tutor?

www.teachme2.com/matriek

Byeengebring deur

teachme2

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2021

AMANQAKU: 70

IXESHA: Iiyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Uvavanyo Lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(30)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A no B ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

ISICATSHULWA A

U*JERUSALEMA*, NESHWANGUSHA LECOVID-19

1 *UJerusalema* ligama lengoma kaMaster KG noNomcebo Zikode ebisematheni kwihlabathi liphela ngexesha lobhubhane wesifo esibangelwa yintsholongwane iKhorona ebisovuyavuya ihlabathi. Yingoma ebenehlumelo elingumdaniso nawo okwabizwa *Jerusalema*. Iqela i*Nowhere* laseAngola liwenze waduma lo mdaniso ngokuqhayisa ngeevidiyo zalo lidanisa kumaqonga onxibelelwano licela umngeni kwabazivayo. Ingoma u*Jerusalema* ithwele intshinga yodumo ngokuthi inwenwe ngokomlilo wedobo ukufikelela kwihlabathi lonke ngamaqonga onxibelelwano esingabala kwaphambili kuwo uTwitter, WhatsApp ngokunjalo nakwawomculo, uShazam, YouTube noSpotify. Esinye sezizathu zokuthwala intshinga kwale ngoma kukusasaza umoya wethemba oye waphakamisa imimoya ebisele idakumbile ngenxa yesifo iCovid-19. Umoya wethemba utyaleke ngokuthi abantu, abantwana nabasebenzi nkalo zonke zehlabathi bazibone sebedanisa kunye, besebenzisana, bemoyamnye.

2 Akukholelekanga ukubona ihlabathi limanyene ngomdaniso, lidanisela ingoma enye u*Jerusalema*, kunye ngaxeshanye ngexesha ubhubhane wentsholongwane ikhorona enza iziqwenga kwihlabathi. Ngokudanisa, livuma kunye ihlabathi, lizibone selibekele phaya kude imiqobo esekwe kulwimi, kubudala, kubulungu beenkolo ezithile, kwizihlalo zokulawula emisebenzini kanti nesekwe kuhlanga oluthile, okanye kubumi bezwekazi elithile. Mhlawumbi amazwi ale ngoma athi iJerusalem ilikhaya afumana isihlalo kwabaneziva emimoyeni ize ibeyiyona rhali, edibanise imihlambi eyalanayo kuba nabani uyalifuna ikhaya.

3 Kubengomnye umnqa ukubona ihlabathi **lijule ngefestile uchuku** lokufuna ukutolikelwa ingoma phambi kokuba liyivume okanye live intsingiselo yayo. lintlanga ngeentlanga zehlabathi ziyivume injengoko yayibhaliwe ngoLwimi lwesiZulu, ingaguqulelwanga nakolunye kwezazo iilwimi. linkcubeko zehlabathi lonke ukusuka kwiindawo zasemaphandleni, kumanxweme eelwandle zaselndiya, eParis nasePortugal ukuqhina ePitoli esembindini, zidityaniswe zahlanganiswa ngu*Jerusalema*. Kunjalonje wasiphula nolwamvila lokubukulana kwamazwe, kwaphela ukucalucalulana ngokobuhlanga befunana apha ngomdaniso noncuthu lwengoma. Lonke olu manyano lube ngumathunga wokumelana nomngeni weshwangusha eliyiCovid-19 ebeligqugqisa ihlabathi.

4 Ingoma u*Jerusalema* ibengumzekelo ophilayo ogqamise amandla engoma ngokwemveli ngakumbi kwingxaki yeCovid-19. Imisebenzi yengoma ekukuphilisa imiphefumlo, ukususa iimvakalelo zokuxhalaba, ukushenxisa uloyiko okomzuzwana ikwenze nakubantu abebesele bebunikezela besemisebenzini, nabebekumakhuko okufa, ezibhedlele kanti nakwabakwizihlalo ngezihlalo zokuphatha kwihlabathi lonke. Isebenze njengomvuseleli wethemba kubasebenzi ezibhedlele behlaziya injongo yabo yokuhoya iingxwelerha zeCovid-19. Owazi amayeza angathi ibeliyeza lamandla nokuphakamisa umoya kuba bebedanisa kunye bakugqiba baye kusebenza

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

kunye kwizibhedlele sele bewuva ukhaphukhaphu umsebenzi wokujongana nombulali oyiCovid-19.

5 Luchukumiseko olwahlukileyo olwenziwe yingoma u*Jerusalema* kumazwe ehlabathi. Asinguye nabani ofumana ukuhoywa ziiPrezidanti ngolu hlobo. Nkqu nowayesakuba yiPrezidenti yaseMelika uMnumzana Trump ubebonwa kumajelo eendaba naye ekwadanisela u*Jerusalema*. Yingoma ethe ngokuthi ndi-i-i kwayo yabonakala sele ibusondela kwisihlalo somhobe wesizwe soMzantsi Afrika nehlabathi. UPrezidanti woMzantsi Afrika uMnumzana Ramaphosa ude wamisela ukuba, ngomhla wamagugu wama-24 kuSeptemba ngowe-2020, kudaniswe umdaniso ka*Jerusalema*. Kumyalezo wakhe uthe u*Jerusalema* ngumqondiso wokuphilisa umoya welizwe oqhuba okuhle. Uyalele abantu beli ukuba bayivume le ngoma ukuze bacamngce, bakhumbule abasele besandulele, bavuyele nethuba lokungxenga amandla ombulalazwe oyiCovid-19 besesisizwe esisabambeneyo.

6 lividiyo zale ngoma eziqulethe umdaniso wayo obutyalwa ngokuxhonywa nazo zibe ngathi zenza ngomlingo ukufikelela kwihlabathi lonke zibe ngathi zithi 'Vuleka hlabathi' nanjengoko bezilwatyuza amazwe ehlabathi amiselwe i*lockdown.* Ngeliphandle iividiyo zika*Jerusalema* zibe ngumavulakuvaliwe. Ngexesha ebekungandwendwelwana nangamakhaya bezityhuluba zingena kumakhaya ngamakhaya kusabelwana ngazo nomoya wazo. Zombini, ingoma nevidiyo zityale umoya wethemba oye usakhelana, wakhula ngaxeshanye nesantya sentsholongwane yeKhorona ukufikelela kumazwe ehlabathi.

7 Le ngoma inwenwe ngesantya esimangalisayo. Ude athi omele iqonga likaShazam u*Jerusalema* ibe yiyona ngoma abantu ebebephuma izithuba befuna iinkcukacha ngayo-ukuyishazama ngolwimi lwabayisebenzisayo. Bambi bebengayiqwalaseli bayibukele phaya kwiqonga, bebeyothula, bayigcine, benze eyabo emitsha imidaniso neevidiyo, baze bazixhome kumaqonga sele ingu#*Jerusalem*. EsiNgesini igama, Shazam lithetha 'umlingo', kuba lilumelo lwemilingo ethathelwa kwiifilim nasezintsomini zamaqhawe amaNgesi. Ingoma u*Jerusalema* nayo ifumana ukufaniswa kwamandla ayo okunwenwa nesenzo sokushazama ngenxa yokuhamba ngesantya esinguqhwanya, esingakholelekiyo sele kuvaliwe.

8 Ngangamandla ebenawo le ngoma ayitshintshanga indlela yokuphila, koko yongeze nesigama sethu ngexesha leCovid-19. Kuludwe olufutshane lwesigama sikaPanSALB ngowama-2020, uvele u*Jerusalema* njengelinye lamagama asetyenziswe rhoqo ephala kunye naweCovid-19. Inene u*Jerusalema* ugqwesile njengengoma ngokumanya, ukubopha amanxeba, ukususa ingevane, ukuthundeza, ukuthomalalisa, nokunika ithemba kwihlabathi liphela.

[Sicatshulwe kwi-*City Press*, 14 Februwari 2020, saguqulelwa esiXhoseni, saze sahlelwa]

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ISICATSHULWA B

[Ucatshulwe kwi-intanethi, www.googleimages.com waze wahlelwa]

IMIBUZO: ISICATSHULWA A

Jonga kumhlathi woku-1.

1.1 Khankanya ixesha ezimbalini eye yaduma ngalo ingoma u*Jerusalema*. (1)

1.2 Xela ukuba iqela laseAngola liyenze yaduma njani ingoma u*Jerusalema*. (1)

1.3 Nika naliphi iqonga lonxibelelwano elisetyenziswe ukudumisa ingoma u*Jerusalema* ngokwalo mhlathi. (1)

1.4 Lizisa ntsingiselo ni igama 'esinye' elinomgca ngaphantsi kumhlathi 1? (1)

1.5 Nika zibeziBINI izizathu zokuba u*Jerusalema* athwale intshinga ngokwalo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi wesi-2

1.6 Cacisa intsingiselo yegama 'ubhubhane' ngokomxholo walo mhlathi. (2)

1.7 Nika nawuphi umqobo kwebibekelwa kude xa kudaniswa ngengoma u*Jerusalema*. (1)

1.8 YINYANI/BUBUXOKI ukuba u*Jerusalema* uvule ithanda phakathi kwabantu ngexesha leCovid-19? Xhasa impendulo yakho. (1)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

Jonga kumhlathi wesi-3

1.9 Nika intsingiselo yebinzana elibhalwe ngqindilili ngokwakulo mhlathi. (1)

1.10 Ngqina ngokufumana kulo mhlathi ukuba ingoma u*Jerusalema* idale umanyano kwihlabathi. (1)

Jonga kumhlathi wesi-4

1.11 Nika imisebenzi emiBINI yengoma exelwe kulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi wesi-5

1.12 Caphula kulo mhlathi isifanekisozwi esinika intsingiselo yokuba u*Jerusalema* wanwenwela kwihlabathi jikelele. (1)

1.13 Xela injongo kaPrezidanti yokuyalela ukuba kubhiyozelwe umhla wamagugu ngengoma u*Jerusalema* ngonyaka wama-2020. (2)

Jonga kumhlathi wesi-6

1.14 Uyavumelana noluvo lombhali olunomgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)

Jonga kumhlathi wesi-7

1.15 Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

Igama 'ukuyishazama' ngokwalo mhlathi lithetha:

A Ukufuna iinkcukacha zengoma ngoYouTube.
B Ukufuna iinkcukacha zengoma kwiApp uShazam.
C Ukuthumelela umhlobo ingoma ngoWhatsApp.
D Ukulinganisa ingoma yemvumi ngoSpotify. (1)

1.16 Chaza ukuba lo mhlathi umfanisa njani u*Jerusalema* oyingoma noShazam. (1)

Jonga kumhlathi wesi-8

1.17 Ibenafuthe lini le ngoma kwisigama sakwaPanSALB? (1)

1.18 Ngokolwakho uluvo luluphi udidi lwabantu olunokuvuyela ukufunda esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

IMIBUZO: ISICATSHULWA B

1.19 Nika izizathu eziBINI zokuthi aba bantu badanisa ngexesha leCOVID 19. (2)

1.20 Lo mfanekiso ungqinelana njani nomhlathi wesibini ukuba u*Jerusalema* waphule umqobo obubudala? (2)

1.21 Nika imfundiso enikwa zezi zicatshulwa zibini ngengoma. (2)

AMANQAKU ECANDELO: A 30

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA

ISICATSHULWA C sithetha **ngezinto ekumele uzazi phambi kokuba ube nguDJ**. Shwankathela ngamazwi akho unike ulwazi olubalulekileyo kwabafuna ukuzama ukubangooDJ.

QAPHELA:

1. Bhala UMHLATHI ongenaziphene usebenzisa amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma EZISIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

ISICATSHULWA C

OKUBALULEKE UKWAZI PHAMBI KOKUZAMA UKUBANGUDJ

IsiXhosa sithi, 'Inyathi ibuzwa kwabaphambili'. Ezi ziingcebiso ezinikwe ngesisa ngo*Facebook* kulowo uzama ukubanguDJ. Kuyimfuneko ukuba ube nomsebenzi okanye isingxungxo onokuxhomekeka kuso ngemali ngeli xesha usazama isakhono sokudijeya. Kaloku kusafuneka uzenzele abalandeli. Ngamanye amaxesha abalandeli ungabenza ngokudlalela abantu mahala ukuze bakubone, bawuthande nomsebenzi wakho.

Khumbula, kaloku ukudijeya kuyabufuna ubuxhakaxhaka obuzizixhobo zokudijeya ezisemgangathweni. Kungabubuchule ke ukuzama ukufumana izixhobo ezinamandla okukhupha isandi osifunayo nokuba zingamasekeni asomeleleyo. Usenokufumana nokuba zizipikha nezikhuselizandi zokunqanda ukungxolela abantu nabamelwane xa usaziqeqesha ekhaya.

Gcina engqondweni ukuba nangona uza kube uwucwangcise wawuyondelelanisa umculo wakho, kuluncedo ukubanika ithuba abalandeli bakho bancedise kwizigqibo zeengoma ezinokudlalwa, okanye ekunokuqalwa ngazo. Umoya wabalandeli uyancedisa kakhulu ekuthatheni izigqibo zomakudlalwe, kangangokuba nokuba sele ikukruqule ingoma kufuneka uqhube uyidlale xa besayithanda abalandeli. Ungalwenza nangomboko unxibelelwano nabalandeli kuba awuzidlaleli.

OoDJ abaninzi bathi asibobuchule ukusuka udijeye ungakhange urhece ulwazi lomculo okanye imfundwana engokudlala izixhobo zokucula. Ulwazi lungasikhulisa isakhono sakho sokucula uzibone sele ungumdidiyeli womculo.

Mamelisisa, uwajongisise amasolotya esivumelwano ngakumbi abhalwe ngamagama amancinci ukuze ungangeni emgxobhozweni ungaqondanga. Zifuna ingqiqo izivumelwano osenokungena kuzo njengoko noomanejala besahluka. Ngoko yiba nolwazi ngeengxaki abanokukufaka kuzo ngezivumelwano zabo. Kuyenzeka omnye afune ukuthatha isixa esingama-90 eepesenti kwingeniso yeshishini, kanti abanye bathatha ukusuka kwishumi ukuya kwamabini.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

Ungazifunela umntu oza kukunika inkxaso engahexiyo kwimizamo yakho nanjengoko zininzi iingxaki onokuhlangana nazo. Ngezinye iimini uza kubuya izinto zingahambanga kakuhle okanye uphoxekile kwindawo obuye kudlala kuyo, okanye imali ingezi ngexesha obulilindele, kube kufuneka uqhube usebenze. Akumfuni umntu oza kuhlekisa ngengxaki yakho okanye athi, 'bendiyilindele loo nto'.

Hlaba ukhangele kuba ukuhamba kuyayitya imali nanjengoko uzakumana uhambela iindawo ngeendawo nakumazwe ngamazwe. Yazi ukuba xa undwendwela amazwe aphesheya ingafuneka imali eyiyeyakho nokuba umqashi uza kukuhlawulela iindleko zokubhabha. Ngamanye amaxesha kungakhe kufuneke uzihlawulele ngokwakho iindleko zendawo yokuhlala.

[Sithathwe www.facebook.com saze sahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAGO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

Funda esi sibhengezo (ISICATSHULWA D) Singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA D

[Uthathwe kwi-intanethi, www.google.com waze wahlelwa]

3.1 Xela igama leApp ethengiswa yile ntengiso. (1)

3.2 Chaza isizathu sokuba igama Shazam libhalwe ngoonobumba abakhulu. (1)

3.3 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba esi sibhengezo senza ngathi kulula ukufumana ulwazi ngengoma xa usebenzisa iApp uShazam. (2)

3.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

Ubaxo oluthi 'ube lulonwabo wo-o-onke' lube sisixhobo esisetyenziselwe:

A Ukuthandabuzisa abathengi ngoShazam.
B Ukubizela abathengi kuShazam.
C Ukulibazisa abathengi ngoShazam.
D Ukunyanzela abathengi kuShazam. (1)

3.5 Caphula isigama esisetyenziswe ngenjongo yokwenza abathengi bathathe amanyathelo okufumana iApp ethengiswayo. (1)

3.6 Sijoliswe koobani esi isibhengezo ntengiso? (2)

3.7 Ngqina okanye uchase ukuba ikho ingcinga ebethelelekileyo ngokwesini kwesi sibhengezontengiso. Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

ISICATSHULWA E

[Icatshulwe kwi intanethi, www.garfield.com yaze yahlelwa]

4.1 Nika zibeMBINI izinto ezifumaneka kwiselula kaSive ezikwisakhelo soku-1. (2)

4.2 Xela ukuba anika ntsingiselo ni amachaphaza amathathu kwintetho kaSive ekwisakhelo sesi-3. (1)

4.3 Igama 'kodwa' kwisakhelo sesi-3 linika ngcinga ni ngale selula? (1)

4.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

Ukungabikho kwencoko kwisakhelo sesi-2 kwenziwa kukuba umzobi ugqamisa isenzo sokuba uSive … yakhe.

A uvuyelana nokukhala kweselula
B ugadene nokukhala kweselula
C usaxelelana nonina ngeselula
D usalilelana nonina ngeselula (1)

4.5 Thelekisa uvakalelo lukaSive kwisakhelo soku-1 nakwisakhelo sesi-3. (2)

4.6 Chaza isenzo sikaLiyon asenze kuzo zozithathu izakhelo, esingahambelani nengcinga yakhe ekwisakhelo sesi-3. (1)

4.7 Ucinga ukuba uphumelele umzobi wekhathuni ukungxolisa abantu abanqula ukusebenzisa iiselula kunokuhoya abantu abahleli nabo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

UMBUZO 5: IPROZI

Funda esi sicatshulwa (ISICATSHULWA F) singezantsi, sineempazamo ezithile ezenziwe ngeenjongo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA F

UVELA BAHLEKE

1 Kunamawele ayengeva, efana kunzima ukuwahlula nditsho nkqu *nabazali awo* babesohluleka ukuwahlula ukuba lo ngubani, lowa ngubani ngenxa yokufana. Esikolweni ibiba seso, ufike bebhidisa utitshalakazi angazi nokuba ngubani owenze ntoni.

2 **Lento** yokumosha kwaba bantwana mihla le iye yamcaphukisa utata wabo de wagqiba kwelokuba abajonge ngeliso lokhozi kwinto yonke abayenzayo ingakumbi ezifundweni zabo. 5

3 Le nto iye yamenza waya eba bukhali omnye ezifundweni zakhe ngelixa omnye wayengatyi kwanto. Nayo leyo ibenze baba namanye amaqhinga. Lo ubukhali ezifundweni ebeye abhalele nalo ubuthuntu ukuze baphumelele bobabini. Waqonda uyise ukuba ziyeza iimviwo zaphakathi enyakeni apho aza kubona khona ukuba ngubani kanye kanye lo umqhathayo. 10

4 Okunene zifikile iimviwo labe lingekho tu ikroba lokuba eli lityayo emagameni lincedise eli libuthuntu. Owokuqala use iziphumo zakhe kuyise wabe efumene amashumi alithoba anesihlanu ekhulwini, **ambethe uyise** esithi ufuna ikhulu ekhulwini. Lafika elesibini lize nesihlanu ekhulwini, lakubuzwa nguyise, lathi umfowabo umbele la mashumi alithoba anesihlanu angekhoyo, watyhafa uyise. 15

[Sicatshulwe kwi*Sol'ezwe lesiXhosa*, 20 Septemba 2016, saze sahlelwa]

5.1 Lungisa isiphene sovumelwano esikwigama elibhalwe bukekela kwisivakalisi esingezantsi.

'… kunzima ukuwahlula nditsho nkqu nabazali *awo* …' (1)

5.2 Tolika isiqwengana esingezantsi esinomgca ngaphantsi.

'babesohluleka ukuwahlula ukuba lo ngubani lowa ngubani ngenxa yokufana.' (2)

5.3 Caphula isikhombisi esikhomba (a) **apha** nesikhombisi esikhomba (b) **phaya** kwisivakalisi esingezantsi.

'… babesohluleka ukuwahlula ukuba lo ngubani lowa ngubani ngenxa yokufana.' (2)

5.4 Lungisa isiphene sobhalo kwibinzana elibhalwe ngqindilili kumhlathi wesi-2. (1)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

5.5 Nika isichasi segama, 'ubukhali' esikumhlathi wesithathu. (1)

5.6 Bhala ngokuchanekileyo imo yohlobo lolandelelwano olukwisenzi esibhalwe ngqindilili ngezantsi.

Owokuqala use iziphumo zakhe kuyise wabe efumene amashumi alithoba anesihlanu ekhulwini, **ambethe** uyise esithi ufuna ikhulu ekhulwini. (1)

5.7 Bhala ngokuchanekileyo igama elinomgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

Owokuqala use isiphumo zakhe kuyise. (1)

5.8 Khetha kwizibiyeli intsingiselo kamabizwafane **'umbele'** ehambelana nempendulo yewele kumhlathi wokugqibela wale tekisi.

(Uthathe amashumi alithoba anesihlanu wawenza awakhe lashota elinye iwele/uthathe amashumi alithoba anesihlanu wawanika iwele lakhe ukuze ligcwalise ngawo kwawalo engaboni uyise.) (1)
[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70